VAKALISA ULUVO LWAKHO

INKQUBO-SIKHOKELO YEZIMALI EHLAZIYIWEYO KUNYE NEZICELO ZENGENISO KOWAMA-2019 (INGXELO YOMGAQO-NKQUBO WOHLAHLO-LWABIWO-MALI LWEXESHA LAPHAKATHI ENYAKENI [IMTBPS]).

ISIMEMO SOKUNGENISA IZIPHAKAMISO ZOLUNTU KUNYE NEZIMVO

IKomiti esiSigxina engeziMali kunye neKomiti eKhethekileyo engeziMali imema abachaphazelekayo kunye nemibutho enomdla ukuba ingenise iziphakamiso ezibhaliweyo ezingeNkqubo-sikhokelo yeziMali eHlaziyiweyo kunye neZicelo zeNgeniso kowama-2019 (iMTBPS) eza kuthiwa thaca ngomhla wama-30 kweyeDwarha 2019.

UMphathiswa wezeziMali (uMphathiswa) uza kuthi thaca iNgxelo yoMgaqo-nkqubo woHlahlo-lwabiwo-mali lweXesha laPhakathi eNyakeni yowama-2019 (iMTBPS) phambi kwePalamente ngomhla wama-30 kweyeDwarha 2019. Xa esithi thaca iMTBPS, uMphathiswa uza kuhlanganisa isibophelelo sakhe phantsi kwecandelo lama-28 loMthetho woku-1 wowe-1999 woLawulo lweMali kaRhulumente (iPFMA) ofuna ukuba uMphathiswa athi thaca izicwangciso zemali zeminyaka ngeminyaka esenzela ingeniso, inkcitho kunye nezicwangciso zoqoqosho olukhulu ezingundoqo rhoqo ngonyaka. Ukongeza koku, uMphathiswa uza kuhlanganisa isibophelelo sakhe phantsi kwecandelo le-6(1) loMthetho we-9 wowama-2009 weNkqubo eHlonyelweyo yeMithetho eYilwayo yezeMali neMiba eNxulumene naWo elifuna ukuba uMphathiswa angenise iMTBPS ePalamente.

Iindibano zovakaliso-zimvo ziza kwenzelwa ePalamente ngoLwesithathu, umhla we-6 kweyeNkanga 2019.

Ukungenisa iziphakamiso nokubonakalisa ukwenza intetho yakho ngomlomo kufuneka kufunyanwe ingabethanga intsimbi ye-12:00 ngoLwesibini, umhla we-05 kweyeNkanga 2019.

Ukungeniswa kweziphakamiso kufuneka kubhekiswe kooNobhala beeKomiti, uMnu Allen Wicomb noMnu Arico Kotze (iKomiti esiSigxina yezeziMali) noMnu Nkululeko Mangweni (iKomiti eKhethekileyo eneziMali), 3rd Floor, 90 Plein Street, Cape Town 8000 okanye awicomb@parliament.gov.za / akotze@parliament.gov.za / nmangweni@parliament.gov.za umnxeba. 021 403 3759 / 021 403 3662 / 021 403 3782 okanye ifeksi: 021 403 3942.

Iikopi zeMTBPS yowama-2019 ziza kuba khona ngomhla wama-30 kweyeDwarha 2019 ku-www.treasury.gov.za

Sikhutshwe ngoHloniphekileyo uJ Maswanganyi, iLungu lePalamente, uSihlalo weKomiti esiSigxina engeziMali (kwiNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe) noHloniphekileyo uYI Carrim, iLungu lePalamente, uSihlalo weKomiti eKhethekileyo engeziMali (kwiBhunga leSizwe lamaPhondo).

Parliament. Making Democracy Work.

www.ayandambanga.co.za ISOLEZWE ISIXHOSA 137728 www.thecandocompany.co.za